Umoya uyabhudla.
Umoya ubhudla ikhaya lethu.





Umoya unamandla.
Ukrazula ikayiti yam
isesandleni sam.

Ndileqa ikayiti yam.
Umoya undivuthelela kude
nekayiti yam.





Umoya uba sisitshingitshane. Isitshingitshane siyinyusela phezulu kakhulu ikayiti yam.

Isitshingitshane
siyandigubungela.
Andiboni nto, andikwazi
kubamba nto.





Ingaba iphi ikayiti yam ngoku?
Mhlawumbi ibambeke emthini.

Mhlawumbi ikayiti yam isabhabha esibhakabhakeni.





Ngelingeni umoya
uyaphela.
Mna ndisajikeleza.

Xa ndiyeka ukujikeleza ndiyabheka-bheka. Ingaba uye phi umoya?





Andiyiboni naphi na ikayiti yam.

Andisawuva umoya.

Mhlawumbi ndizakuyifumana ngomso ikayiti yam.
Ngoku kufuneka ndiye ekhaya phambi kokuba umoya ubhudle kwakhona.



